UNqophiso OnguNaphakade

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Gen. 12:1–3, Rom. 4:1–5, Eksod. 2:24, Dut. 5:1–21, Dut. 26:16–19, Dut. 8:5, Mat. 28:10.*

Indima Yenkumbulo: " 'Ndiwumise umnqophiso wam phakathi kwam nawe, naphakathi kwembewu yakho emva kwakho kwizizukulwana zayo, ube ngumnqophiso ongunaphakade, wokuba ndibe nguThixo kuwe, nakwimbewu yakho emva kwakho' " *(Genesis 17:7)***.**

Ndabona esinye isithunywa sezulu, siphaphazela esazulwini samazulu, sineendaba ezilungileyo ezingunaphakade, ukuba sizishumayela kwabo bemiyo phezu komhlaba-kwiintlanga zonke, nezizwe neelwimi, nabantu" *(IsiTyhi. 14:6)*. Qaphela, *"iindaba ezilungileyo ezingunaphakade,"* ezingunaphakade njengokusoloko zikho, njengokungathi oko zikhona, njengokuthenjiswa kwazo kuthi kuKristu uYesu "ngaphambi kwamaxesha angunaphakade" " *(Tito 1:2)*.

Yiyo lo nto, kungamangalisi ukuba ngamanye amaxesha iBhayibhile ithethe "ngomnqophiso ongunaphakade" *(Gen. 17:7, Isa. 24:5, Hezek. 16:60, Heb. 13:20)*, kuba unqontsonqa wegospile ngumnqophiso, kwaye unqontsonqa womnqophiso yigospile: uThixo ngobabalo nothando lwaKhe olusindisayo ukununusa ngosindiso ongalufanelanga nongenakukwazi ukuzizuzela; uze wena, usabele, ngokumthanda "ngentliziyo yakho iphela, ngomphefumlo wakho uphela, ngengqondo yakho iphela, nangamandla akho ephela" *(Marko 12:30)*, uthando olubonakalaliswa ngokuthobela umthetho waKhe: "Kuba ukumthanda uThixo kuko ukuthi, siyigcine imithetho yakhe *(1 Yohane 5:3)*.

Kule veki sizakuqwalasela ingcamango yomnqophiso njengoko kudandalazisiwe kwincwadi yeDuteronomi, apho umnqophiso nako konke okuquletheyo kuvezw'elubala.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Oktobha 16.*

Umnqophiso NeGospile

Kuyo yonke iBhayibhile, umnqophiso negospile zibonakala zihamba kunye. Nangona ingcamango yomnqophiso yayikho kwangaphambi kohlanga lukaSirayeli (umzekelo, umnqophiso noNowa), yaye nangona idinga lomnqophiso lenziwa ngaphambi kobukho bohlanga lukaSirayeli, yayivakaliswa ngokutshatsheleyo kunxibelelwano lukaThixo nabantu baKhe, ukususela kooyise, amanyange.

Kwaye nkqu nasekuqaleni, inyaniso engunqontsonqa kumnqophiso yayiyigospile: usindiso ngokholo kuphela.

Funda: kwiGenesis 12:1–3, Genesis 15:5–18, namaRoma 4:1–5. Dinga lini lomnqophiso elenziwa ku-Abram (kamva u-Abraham), kwaye ityhilwe njani igospile kweli dinga lomnqophiso?

_____

_____

U-Abraham wamkholelwa uThixo, wakholelwa kumadinga kaThixo kuye, waza ngalo ndlela wagwetyelwa phambi koThixo. Esi sibhengezo, noko kunjalo, yayingelobabalo lunexabiso eliphantsi: u-Abraham wazama ukuphakamisela phezulu icala lakhe lomnqophiso ngentobelo, efana nale idandalaziswe kwiGenesis 22, kwintaba yeMoriya. Konke oku, nangona "ukholo lwakhe lwabalelwa ebulungiseni" *(Rom. 4:5*). Yiyo lo nto kwiinkulungwane emva koko, uPawulos wasebenzisa u-Abraham njengomzekelo wento okuyiyo ukuphila ngamadinga omnqophiso awawenzayo uThixo nabantu baKhe.

Lo mxholo uhlokoma kwiBhayibhile yonke. UPawulos wayivelisa kwakhona kumaGalati 3:6, apho kwakhona acaphula uGenesis 15:6, ngokholo luka-Abraham "olwabalelwa . . . kuye ebulungiseni," aze abuyele emva kwidinga elenziwa kuqala ku-Abraham ngeentlanga zonke ezizakusikeleleka ngembewu yakhe *(Gal. 3:9)*. La madinga omnqophiso enziwa kumntu wonke, umYuda noweNtlanga, "abaselukholweni *(Gal. 3:7)* ngoko ke, abagwetyelwe ngokholo kungekho misebenzi yamthetho-nokuba banoxanduva kangakanani na, ngenxa yomnqophiso, lokuthobela umthetho.

Nkqu naxa uYeremiya ethetha ngomnqophiso omtsha, ukwenza oko kumbandela womthetho: " 'Nguwo ke lo umnqophiso, endiyakuwenza nendlu kaSirayeli emva kwaloo mihla, utsho uYehova: ndiyakuwubeka umyalelo wam embilinini yabo, ndiwubhale ezintliziyweni zabo, ndibe nguThixo wabo, babe ngabantu bam' " *(Yer. 31:33)*, intetho ebonakalisayo ebuyela emva kwincwadi yeLevetikus, "Ndohamba phakathi kwenu, ndibe nguThixo wenu, nina nibe ngabantu bam" *(Lev. 26:12)*.

Ingcamango yomthetho ongumnqophiso negospile zingena njani gingci kunye kwiSigidimi seeNgelosi eziNtathu zeSityhilelo 14, isigidimi sesilumkiso sokugqibela sikaThixo ehlabathini?

Umnqophiso NoSirayeli

" 'Akungabulungisa bakho, nokuthi tye kwentliziyo yakho, le nto ungenayo ukuba ulime eli lizwe lazo: kuba kungokungabi ndawo kwezo ntlanga, le nto uYehova, uThixo wakho, azigqogqayo zingabikho ebusweni bakho, ukuze alimise ilizwi elo uYehova abelifungele ooyihlo, oo-Abraham, no-Isake noYakobi' " *(Dut. 9:5; bona kanjalo kwi-Dut. 9:27)***.**

Inyaniso yamadinga angumnqophiso idandalaziswe njani kule ndima?

_____

_____

Apha, kwakhona, umnqophiso wobabalo uyavela: uThixo wabenzela-nangona iimpazamo zazithe gqolo. (Kananjalo, oku, ngokuqinisekileyo, kungokwendlela esebenza ngayo igospile namhlanje.) Kwaye kwakungenxa yedinga elalenziwe kooyise le nto ubabalo lukaThixo lwanikezelwa kwizizukulwana zabo ezilandelayo. Ngokwendlela uMoses awabaphatha ngayo abantu ababenikwe isambuku samadinga omnqophiso, wayesoloko esalatha emva kumadinga omnqophiso nawayenziwe kumanyange.

Funda: nkwi-Eksodus 2:24, Eksodus 6:8, neLevitikus 26:42. Yintoni ethethwa apha enceda ukubonisa indlela asebenza ngayo amadinga omnqophiso?

_____

_____

IMfuduko yokusuka eYiputa, umfuziselo omkhulu wobabalo lukaThixo olusindisayo, nayo ngokunjalo yayisekelezelwe kumnqophiso iNkosi eyayiwenze kooyise. Oko kukuthi, nkqu kwangaphambi kokuba abaxhamli bomnqophiso bazalwe, amadinga enziwa egameni labo. Ngoko ke, ngomfaneleko ongengowabo (ukukhankanya nje okuncinane), bazuza inkululo eyayithenjisiwe, awayenzela bona uThixo ngemimangaliso neziganeko zeMfuduko.

Eneneni, izinto azizange ziphelele apho. Basuka eYiputa besiya-phi? Ewe, eSinayi, apho umnqophiso nabo wathi wamiselwa "ngokusesikweni" *(bona kwi-Eksodus 20)*. Kwaye embindini walo mnqophiso yayi yigospile nomthetho, iMithetho eliShumi, ababebizelwa ekuyithobeleni, imbonakaliso yobudlelane obusindisayo babo noYehova, owayesele ebakhulule (igospile). Yiyo lo nto, rhoqo kwiDuteronomi, babebizelwa ekuthobeleni lo mthetho njenge ndima yabo kumnqophiso, owawuqinisekiswe eSinayi.

Ndima ni ekufuneka umthetho kaThixo uyidlale ebomini bethu namhlanje, thina basindiswe ngobabalo, yaye kutheni lo mthetho ubaluleke kangako kumava ethu noThixo?

INcwadi YomNqophiso

Nangona ingcamango yomnqophiso (*iberit* ngesiHebhere), ukuchaza ubudlelane bukaThixo nabantu baKhe, ifumaneka kuyo yonke iBhayibhile, eli gama lifumaneka kakhulu kwiDuteronomi okwenze ukuba iDuteronomi ibizwe ngokuba "yiNcwadi yoMnqophiso."

Khangela kwiDuteronomi 5:1–21. Yintoni eyenzeka apha enceda ukubonisa indlela engundoqo ngayo ingcamango yomnqophiso *(berit)* kwincwadi yeDuteronomi?

_____

_____

Kungekudalanga emva kokuba abantwana bakaSirayeli bekhululwe eYiputa, uThixo wamisela umnqophiso kunye nabo, eSinayi, kanye ngaphambi kokuba babefanelwe kukungena kwiLizwe leDinga. Kwaza, emva kokujikeleza iminyaka engama-40, xa kanye kwakhona bezakungena kwiLizwe leDinga, nekwakungumba ongundoqo kwidinga lomnqophiso *(bona kwiGen. 12:7, Eksod. 12:25)*, ngomlomo kaMoses, uYehova kwakhona ubanika iMithetho eliShumi, ngokunjalo, iyindlela yokugxininisa kwakho indlela ekwakubaluleke ngayo kubo ukuba bahlaziye iimfanelo zabo kumnqophiso.

Ewe, uYehova wayezakuwafezekisa amadinga aKhe omnqophiso kubo. Ngoku, noko kunjalo, banoxanduva lokuphakamisa elabo icala kwisivumelwano: " 'Wanixelela umnqophiso wakhe, awaniwisela umthetho ngawo ukuba niwenze, amazwi alishumi; wawabhala emacwecweni amabini amatye' " *(Dut. 4:13)*. Wakwenza oko eSinayi, yaye ngoku wayekwenza kwakhona, kwaMowabhi, xa kanye babezakuthatha ilizwe elalithenjiswe bona ngedinga elalenziwe kooyise kwiinkulungwane ezingaphambili, imbonakaliso "yomnqophiso ongunaphakade" owawukhona kwangaphambi kobukho behlabathi.

"Ngaphambi kokwandlalwa kweziseko zehlabathi, uYise noNyana bamanyana kumnqophiso wokukhulula umntu xa ethe woyiswa nguSathana. Baxhawulana ngezandla zabo kwisibhambathiso esindilisekileyo sokuba uKristu abe sisibambiso soluntu."—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 834.

Funda: kwiDuteronomi 5:3. Siyiqonda njani le ndima?

_____

_____

Wayesithini uMoses kubo? Ikakhulu uMoses wayegxininisa inyaniso yokuba ooyise abasekho, kwaye amadinga angummangaliso omnqophiso ayenziwe kooyise ngoku ayesenziwa kubo. Oku kusenokuba kwakuyindlela kaMoses yokubaxelela ukuba bangabhatyazi, njengoko senzayo isizikulwana esingaphambili. Amadinga (neemfanelo) ngoku ngawabo.

Abantu baKhe Ababodwa

Kunzima kuthi namhlanje ukuqonda kakhulu into elaliyiyo ihlabathi lamandulo ngexesha uSirayeli wayebhadula entlango. Ukuba izikumkani eziphelelelyo zagaleleka zaphinda zadlula, kwasala kuphela amanxuwa (ukuba akhona), yintoni esinokuyazi ngoninzi lweentlanga ezincinane ezingabahedeni ezazihlala kwindawo enye noSirayeli?

Akukuninzanga, kodwa sazi nto nye: aba bantu babetshone lee kubuhedeni, oothixo abaninzi nezenzo ezihlazisayo ngokupheleleyo, ezaziquka ukwenz'idini ngomntwana. Zama ukucinga ngendlela elihlazo nekhohlakele ngayo inkcubeko nenkolo enokwenza oko kubantwana bayo, ikwenza oko egameno lesithixo esithile!

Yiyo lo nto, ngoku gqolo, kuyo yonke imbali kaSirayeli wamandulo, uYehova wabalumkisa abantu baKhe ukuba bangalandeli izenzo zeentlanga ezibangqongileyo. " 'Xa uthe wafika kulo ilizwe akunikayo uYehova uThixo wakho, uze ungafundi ukwenza amasikizi ezo ntlanga' " *(Dut. 18:9)*.

Yaye kwakungenxa yokuba uThixo walunyula oluhlanga ngenjongo eyodwa. Ngokungena kumnqophiso noThixo, babezakuba ngabantu abayinqobo, ingqina kwihlabathi ngoThixo odale izulu nomhlaba-uThixo ekuphela kwaKhe.

Funda: kwiDuteronomi 26:16–19. Bushwankathelwe njani kwezi ndima ubudlelane bomnqophiso phakathi koThixo noSirayeli? Ukuthembeka kwabo kumnqophiso kwakuzakubonakaliswa kuhlobo lwabantu abazakuba lulo? Kanjalo, zifundo zini esinokuzithathela zona apho?

_____

_____

Kunikisa umdla ukuba uMoses aqale ezi ndima zine ngamazwi athi "namhlanje," *kanye ngoku, kwakhona*, uThixo uyakuyalela ukuba uzenze ezi zinto (uyayiphinda le ngcamango kwindima ye-17). Ebesoloko ebayalela ukuba benze ezi zinto. Kwakungathi ubaxelela ukuba badinga ukuzibophelela ngalo mzuzu, kwakhona, ukuba babe ngabantu abathembekileyo, abangcwele, nabayinqobo, okwenene esona sizathu siyingxamu yobukho babo njengohlanga lomnqophiso. Babekuphela kohlanga, njengohlanga, olwalumazi uThixo wokwenene nolwaluyazi inyaniso ngalo Thixo nendlela awayefuna baphile ngayo abantu. Eneneni, babengenayo kuphela "inyaniso yangoku" koko kwakufuneka, ngokwendlela yabo, baqulathe lo nyaniso ade uYesu, "iNyaniso" ngokwaKhe *(Yohane 14:6)*, afike.

Kutheni le nto ingcamango yokuzibophelela "namhlanje" kuThixo namabango omnqophiso wakhe zisabalulekile nakuthi, "namhlanje."?

Eminye Imifanekiselo

Ufundo ngeBhayibhile kudala lwaqaphela ukufana phakathi komnqophiso kaSirayeli noThixo kunye nezinye izivumelwano zomnqophiso phakathi kwezikumkani. Olu thelekiso alumele kukhwankqisa. UYehova wayesebenza ngokulula nabantu baKhe kwimeko abanokuyiqonda. Kwanga xesha nye, ingcamango yomnqophiso, isivumelwano somthetho phakathi kwamacala amabini, esinemiyalelo, imimiselo nemiqathango, sinokubonakala sibanda ceke yaye siqhelekile. Nangona lo nkalo kufuneka ibekhona ngokwenene (uThixo nguMmisi-mthetho), ayiphangalalanga ngokwaneleyo ukubandakanya ubunzulu nobubanzi bohlobo lobudlelane uThixo awayebufuna nabantu baKhe. Yiyo lo nto, eminye imifanekiso isetyenzisiwe ukunceda ukubonakalisa kwale ngcamango inye yomnqophiso phakathi koThixo noSirayeli, kodwa inikwa iinkalo ezongezelekileyo.

Funda: **kwiDuteronomi 8:5; Duteronomi 14:1; noDuteronomi 32:6, 18–20. Luhlobo luni lomfanekiso-ntekelelo olusetyenziswe apha, yaye oku kunganceda njani ukutyhila ubudlelane uThixo awayebuncwasile nabantu baKhe?**

_____

_____

Funda: **kwiDuteronomi 4:20 nakwiDuteronomi 32:9. ngowuphi umfanekiso-ntekelelo olusetyenziswe apha, yaye, nako, oku kunceda njani ukutyhila uhlobo lobudlelane uThixo awayebuncwasile nabantu baKhe?**

_____

_____

Kwimeko nganye, kukho ingcamango yosapho, ekufanele, ukuba kunokwenzeka, ibe lelona khonco lisondeleyo, liqinileyo, nelona linothando. UThixo ubesoloko efuna oluhlobo lobudlelane nabantu baKhe. Nkqu nasemva kokubukula kwabo uYesu okulihlazo ngexesha lasemnqamlezweni, uYesu wathi kuMariya emva kokuba evusiwe, " 'Yiyani kubatyela abazalwana bam ukuba baye eGalili; bondibona khona apho' " *(Mat. 28:10)*. Nkqu nangoku senguKristu ovukileyo, wasingisela kubafundi "njengabazalwana bam," umzekelo wothando nobabalo oluphuphuma ngothando ngakwabo ngokwenene babengalufanelanga. Oko kwasekuqaleni yindlela ebebusoloko buyiyo ubudlelane phakathi koThixo noluntu: ubabalo nothando lunikezelwa kwabangulufanelanga.

Luhlobo luni lobudlelane onalo noThixo? Ungalumilisela njani uze ufunde ukumthanda, lo gama kwangaxesha nye uluqonda uxanduva lwakho lomnqophiso lokuthobela umthetho waKhe? Kutheni le nto ezi ngcamango zingaphikisani koko zisebenzisana?

Ingcamango Eyongeziweyo: "Umoya wobukhoboka uzalwa kukufuna ukuphila ngokungqamene nenkolo engqongqo, ngokuzama ukufezekisa amabango omthetho ngamandla ethu. Kukho ithemba kuthi kuphela xa sisiba phantsi komnqophiso ka-Abraham, ongumnqophiso wobabalo ngokholo kuYesu Kristu. Igospile eyashunyayelwa ku-Abraham, awaba nethemba ngayo, yayi yigospile enye nale ishunyayelwa kuthi namhlanje, esinethemba ngayo. U-Abraham wakhangela kuYesu, okwa yiMbangi noMgqibelelisi wokholo lwethu."—Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary*, vol. 6, p. 1077.

"Ngaphambi kokwandlalwa kweziseko zehlabathi, uYise noNyana bamanyana kumnqophiso wokukhulula umntu xa ethe woyiswa nguSathana. Baxhawulana ngezandla zabo kwisibhambathiso esindilisekileyo sokuba uKristu abe sisibambiso soluntu. Esi sibhambathiso uKristu usifezekisile. Xa emnqamlezweni wayedanduluka, 'Kugqutyiwe,' wayebhekisa kuYise. Umanyano lwenziwe ngokupheleleyo. Ndiyenzile intando yaKho, Thixo Wam. Ndiwugqibile umsebenzi wenkululo. Ukuba ubulungisa baKho banelisekile, 'Ndithanda ukuba nabo abo undinike bona, babe nam, apho ndikhona mna' Yohane 19:30; 17:24."—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 834.

Imibuzo Yokuxoxwa:

❶ Gxila kwingcamango yokuba kwangaphambi kweziseko zehlabathi, uYise noNyana "bamanyana kumnqophiso" wokusikhulula ukuba uluntu luthe lwawa. Kutheni le nto oko kukhuthaza ngeyona ndlela kuthi? Oku makusifundise ntoni kangangendlela uThixo afuna ngayo ukuba sisindiselwe ebukumkanini baKhe?

❷ Njengebandla laBalindi, kungeziphi iindlela ekufuneka sizalise indima ekwakufuneka uSirayeli wamandulo eyifezekise ngexesha lakhe? Singafunda njani ukuphepha iimpazamo abazenzayo?

❸ Kutheni le nto igospile namadinga egospile egundoqo ngeyona ndlela kwingcamango yoMnqophiso oMtsha iphela? Zeziphi iindima onokuzifumana kwiTestamente eNtsha ezibonisa ukuba umthetho nentobelo kumthetho zange zibhangiswe kuMnqophiso oMtsha, njengoko kuthe tshitshilili ukufundisa okunjalo kwamanye amaKristu? Ucinga ukuba kutheni le nto intlaninge yamaKristu isithi igospile iyasitshitshisa isidingo sokugcina iMithetho eliShumi?